



# basic education

Department:  
Basic Education  
**REPUBLIC OF SOUTH AFRICA**

## NATIONAL SENIOR CERTIFICATE

**IBANGA 12**

**ISIXHOSA ULWIMI LWASEKHAYA (HL)**

**IPHEPHA LESITHATHU (P3)**

**NOVEMBA 2012**

**AMANQAKU: 100**

**IXESHA:  $2\frac{1}{2}$  iiyure**

**Olu viwo lunamaphepha ama-6.**

**IMIYALELO NENGCACISO**

1. Eli phepha LINAMACANDELO AMATHATHU:
 

ICANDELO A:	Izincoko	(50)
ICANDELO B:	Imihlathana emide	(30)
ICANDELO C:	Imihlathana emifutshane	(20)
2. Phendula umbuzo OMNYE kwicandelo NGALINYE.
3. Bhala ngolwimi obuzwe ngalo.
4. Qala icandelo NGALINYE kwiphepha ELITSHA.
5. Kunyanzelekile ukuba uwucwangcise umsebenzi wakho (umzekelo: imephu yeengcinga/umzobo/imizobo ebonisa ukuthungelana kweziganeko/amagama angundoqo, njalo-njalo), wandule ukuwufundiswa uwuhlele. Kunyanzelekile ukuba uyilo LUKHOKHELE isincoko.
6. Kunyanzelekile ukuba zonke izicwangciso zakho uzibhale ngokucacileyo. Kuyacetyiswa ukuba ukrwele umgca kuyilo ngalunye.
7. Uyacetyiswa ukuba icandelo ngalinye ulabele ixesha ngolu hlobo:
 

ICANDELO A:	imizuzu engama-80
ICANDELO B:	imizuzu engama-40
ICANDELO C:	imizuzu engama-30
8. Nombola iimpendulo ngendlela izihloko ezinonjolwe ngayo kwiphepha lemibuzo.
9. Nika impendulo nganye isihloko esifanelekileyo.
- QAPHELA: Awabalwa amagama akwisihloko xa kubalwa amagama asetyenziswe kwisincoko/kumhlathana.
10. Bhala ngokucokekileyo nangokucacileyo.

**ICANDELO A: IZINCOKO**

Khetha isihloko sibe siNYE kwezi zilandelayo ubhale ngaso isincoko. Bhala amagama angama-390 kwisincoko ngasinye.

**UMBUZO 1**

- |     |   |      |
|-----|---|------|
| 1.1 | Ikamva lomntu ngamnye liqala namhlanje.   | [50] |
| 1.2 | Ukubaluleka kweengoma.  | [50] |
| 1.3 | Ukufundiswa kwezifundo zonke ngolwimi IwesiXhosa kungaluncedo.                              | [50] |
| 1.4 | Ubuhle bekhiwane ziimpethu.   | [50] |
| 1.5 | Ukuphucuka kwemfundo eMzantsi Afrika kuxhomekeke kuluntu ngokubanzi.                        | [50] |
| 1.6 | Xa ndinokuba ligosa lezendlela kwidolophu yam.  | [50] |
| 1.7 | Qwalasel a le mifanekiso ingezantsi wandule ukubhala isincoko esinesihloko esifanelekileyo. |      |

1.7.1



[50]

**OKANYE**

1.7.2



[50]

**AMANQAKU ECANDELO A:** 50

**ICANDELO B: IMIHLATHANA EMIDE**

Khetha umhlathana ube MNYE kule ilandelayo ubhale ngawo. Bhala amagama ali-120 (umxholo kuphela) ngomhlathana ngamnye.

**UMBUZO 2****2.1 ILETA YOBULHOBO**

Bhalela umhlubo wakho umchazele ngemvumi oyithandayo engundaba-mlonyeni. Mcacisele ngayo nangomculo wayo.

**[30]****2.2 I-OBHITSHUWARI**

Bhala i-obhitshuwari eza kufundwa enkonzwensi yomngcwabo womhlubo wakho.

**[30]****2.3 UDLIWANO-NDLEBE**

Uyintatheli yephepha-ndaba ufumene isimemo sokuzimasa itheko lokwamkela iinkokheli.

Yenza udliwano-ndlebe nenkokheli yeqela lolutsha elilawulayo.

**[30]****2.4 INQAKU LOMHLELI**

Ufunde inqaku elingokuthengiswa kweelaisenisi zokuqhuba kwiphepha-ndaba iNtsimbi.

Bhalela uMhleli weli phepha-ndaba uveze ezakho izimvo ngesi senzo singamkelekanga.

**[30]****AMANQAKU ECANDELO B:** **30**

**ICANDELO C: IMIHLATHANA EMIFUTSHANE**

Khetha umhlathana ube mNYE kule ilandelayo ubhale ngawo. Bhala amagama ali-100 (umxholo kuphela) ngomhlathana ngamnye.

**UMBUZO 3****3.1 ISIBHENGEZO**

Bhala isibhengezo seshishini lakho ngendlela eya kutsala abantu.

[20]

**3.2 IPOSIKHADI**

Bhalela usisi wakho ophesheya kolwandle umyalezo kwiposikhadi, uvuyisane naye kuba ephumelele isidanga sobugqirha emaggabini.

[20]

**3.3 UMYALELO**

Uyinkokeli yeqela elenza iphulo lokucoca indawo enihlala kuyo.

Bhala imiyalelo ecacisa indima eza kudlalwa ngumntu wonke.

[20]

**AMANQAKU ECANDELO C:**

**20**

**AMANQAKU EWONKE:**

**100**